URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Moya Combrink
ICandelo loLawulo loVavanyo
Moya.Combrink@westerncape.gov.za | 021 467 2626

Inombolo yefayili: 20/3/6/1/ Isaziso sethayimtheyibhile yezikolo
Isalathiso: 20220831-6131

ISetyhula: 0028/2022
Umhla wokuphelelwa: 09 Disemba 2022

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke neSatifikethi seMatriki

Isishwankathelo esifutshane: *Ithayimtheyibhile yokugqibela efakelwe izilungiso elungiselelwe iimviwo zangoNovemba 2022 zeSatifikethi seMatriki kaZwelonke*

Isihloko: Ithayimtheyibhile yokugqibela efakelwe izilungiso elungiselelwe iimviwo zangoNovemba 2022 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

1. Apha kufakwe ikopi yethayimtheyibhile **efakelwe izilungiso** (**isiHlomelo A**) elungiselelwe iimviwo zangoNovemba 2022 zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*).

2. ISebe leMfundo esiSiseko (iSebe i-*DBE*) lizithathele ingqalelo iinkxalabo ezimalunga nokucwangciswa kwexesha leemviwo ze-*Economics Paper 2* ne-*Maritime Economics* kwiimviwo zango-Oktobha/Novemba 2022.

3. ISebe i-*DBE* liwangqinisisile amanani abaviwa ababhalisele ukufunda i-*Economics* ne-*Maritime Economics*. Kufakelwe izilungiso kwithayimtheyibhile ngokumalunga nesifundo i-Maritime Economics kuphela.

4. Umhla omtsha wokubhala uviwo lwe-*Maritime Economics* ngoku ucwangciswe ngolu hlobo lulandelayo:

Umhla	**Ixesha**	**Isifundo/iphepha**
02 Disemba 2022	14:00	*Maritime Economics*

5. Kucelwa nazise okuqulethwe yile setyhula bonke abaviwa abanenjongo yokubhala iimviwo ze-*NSC* ngoNovemba 2022 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-A LEWIS
INTLOKO EBAMBELEYO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-09-13